ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Carmen Niekerk**
ICandelo loPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo
Carmen.Niekerk@westerncape.gov.za | 021 828 3376

Inombolo yefayili: 28/3/4
Isalathiso: 20241030-7875

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo: 0001/2024

Iya: KuBalawuli (kwii-ofisi zezithili), kwiinqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, kumaziko azimeleyo abhalisiweyo oPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo nakwizikolo ezizimeleyo

**Isihloko: Ukukhutshwa kwakhona kwezatifiketi zobhaliso zeBakala R ezinikwa izikolo**

1. Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, amaziko azimeleyo oPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo *(ECD)* nezikolo ezizimeleyo ezibhalise ngoku kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) ukwenzela ukufundisa iBakala R, kucelwa ukuba zizalise iinkucukacha kwilinki eziza kuyinikwa kusetyenziswa idilesi ye-imeyili yazo ekwilisti enazo zonke iinkcukacha yeSebe iWCED (*WCED master list*). Makusetyenziswe ilinki ukuzalisa la macandelo *(fields)* alandelayo:
    - Idilesi ye-imeyili yomntu ozalisa iinkcukacha
    - Igama leziko
    - Isithili
    - Icandelo
    - Isekethe
    - Inombolo yoqhagamshelwano
    - Idilesi yendawo elikuyo iziko
    - Idilesi ye-imeyili yeziko
    - Igama nefani yenqununu
    - Ingxelo yokuthembeka kokugcinwa ngokuyimfihlo kwengcaciso

2. La maxwebhu alandelayo mawangeniswe kwi-ofisi yesithili ngomhla ochazwe ngokwamaxesha abekiweyo. Izikolo maziqinisekise ukuba ONKE amaxwebhu akwagcinwa kwifayili esesikolweni/ekwiziko.

    - Umgaqo-siseko wesikolo, umbono, injongo ephambili
    - Umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwababafundi (kuqukwa neminyaka yobudala bomfundi weBakala R)
    - Umgaqo-nkqubo woLwimi
    - Ikharityhulam ngokweNkcazelo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo

- Amabanga emfundo eeprakthishina/ootitshala
- Iikopi zezatifikethi zobhaliso kwiBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika
- ISivi i-*Curriculum vitae* (yeeprakthishina/yootitshala)
- Ikopi yesatifikethi sempilo (*health certificate*) esiqinisekisiweyo (kwizikolo ezizimeleyo/amaziko azii-*ECD* kuphela)
- Isatifikethi esibonakalisa injongo yokusetyenziswa komhlaba *(Zoning certificate*)
- Isatifikethi sokucoca konke (*cleararnce certificate*) esifumaneka emapoliseni seeprakthishina/sootitshala
- Ikopi yeplani yesiza sesakhiwo/ikopi yeplani yesakhiwo
- Ubungqina bokubhalisa kwiSebe i*WCED* obenzelwe abantwana ababudala bususela ekuzalweni kwabo ukuya kwiminyaka eyi-4 (kwizikolo ezizimeleyo/kumaziko azii-*ECD* kuphela)
- Ubungqina bemvumelwano yokuqeshisa/ubungqina bokuba ngumnini wesakhiwo (kwizikolo ezizimeleyo/kumaziko azii-*ECD* kuphela)
- Iingxelo-mali eziphicothiweyo, ezisayiniweyo, zamvanje.
- Iingxelo-mali zebhanki zeenyanga ezintathu ezinesitampu
- Isitraktsha solawulo lweziko
- Imizuzu yeentlanganiso ezintathu zokugqibela zebhunga lolawulo
- Ubungqina beentlawulo ezenziwa kwiZiko leNkonzo yeRhafu loMzantsi Afrika *(South African Revenue Service)*/kwiSebe lezeNgqesho neMisebenzi *(Department of Employment and Labour)*
- Imvumelwano yengqesho esayiniweyo/Iimvumelwano zengqesho ezisayiniweyo

3. Izikolo maziqinisekise ukuba yonke imigaqo-nkqubo imalunga neBakala R.

4. **Amaxesha abekiweyo**

| Umhla | Inyathelo |
|---|---|
| 15 Novemba 2024 | Izikolo zizalisa iinkcukacha kwilinki zize zingenise amaxwebhu kwii-ofisi zezithili. |
| 22 Novemba 2024 | Ii-ofisi zezithili zitshekisha zize zingqinisise amaxwebhu eziwafumeneyo avela ezikolweni. |
| 29 Novemba 2024 | Ii-ofisi zezithili zingenisa kwaNdlunkulu ilisti yezikolo eziyithobeleyo imiqathango. |
| 06 Disemba 2024 | UNdlunkulu uvelisa isatifikethi sokubhalisa esiya kwii-ofisi zezithili ukwenzela ukuba sisiwe ezikolweni. |

5. Amaziko aya kundwendwelwa ukwenzela ukutshekisha ukuba ayayithobela le ngcaciso imfutshane. Isatifikethi sobhaliso masixhonywe ngokusisigxina kwindawo esemboniselweni kwifoya/ kwindawo ebonakalayo.

6. **Iinombolo zoqhagamshelwano ukubuza imibuzo**

| Isithili | Igosa elinikwe uxanduva | Ifoni | Idilesi ye-imeyili |
|---|---|---|---|
| *Metro Central* | Zaahier Jacobs | 021 514 6946 | Zaahier.Jacobs@westerncape.gov.za |
| *Metro North* | Kaydy Cheng | 021 938 3174 | Kaydy.Cheng@westerncape.gov.za |
| *Metro South* | Andrea Bianchi | 021 374 4107 | Andrea.Bianchi@westerncape.gov.za |
| *Metro East* | Michelle Liedemann | 021 900 7221 | Michelle.Liedemann@westerncape.gov.za |
| *West Coast* | Sally Meyer | 021 860 1201 | Sally.Meyer@westerncape.gov.za |
| *Cape Winelands* | Sophia Karriem | 023 348 4611 | Sophia.Karriem@westerncape.gov.za |
| *Overberg* | Simon Speelman | 028 214 7335 | Simon.Speelman@westerncape.gov.za |
| *Eden and Central Karoo* | Lucretia Roux | 044 803 8335 | Lucretia.Roux@westerncape.gov.za |

7. Kucelwa ukuba nazise oku kule ngcaciso imfutshane bonke abathathi-nxaxheba nabasebenzi kumaZiko ee-*ECD* ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-AJE MEYER
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO**
**UMHLA:** 2024-11-05